



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

Steve Vukile Tshwete Education Complex • Zone 6 Zwelitsha 5608 • Private Bag X0032 • Bhisho 5605  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

## CHIEF DIRECTORATE – CURRICULUM MANAGEMENT

# INKQUBO YOKUNCEDISA ABAFUNDI BEBANGA LE-12

## ISIXHOBO SOKUFUNDA ESILUNGISELELWE UHLAZIYO NOKUNCEDISA: IMIBUZO NEEMPENDULO

**ISIFUNDO: ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – ISIGABA SESIBINI**

**EYESILIMELA 2009**

**ESI SIXHOBO SINAMAPHEPHA ANGAMA-21.**

**ESI SIXHOBO MASINGASETYENZISWA NJENGOVIWO**

**IMIYALELO**

Fundisa le miyalelo phambi kokuba uqale ukuphendula imibuzo.

1. Kubuzwe iincwadi ezintlanu, wena phendula EZINTATHU OZIFUNDILEYO.
2. Iphepha leziqulatho elilandelayo malikuncedise ukukhetha imibuzo oza kuyiphendula.
3. Eli phepha linamacandelo amathathu:

ICANDELO A: Isihobe (30)

ICANDELO B: Inoveli (25)

ICANDELO C: Idrama (25)

4. Funda imiyalelo esekuqaleni kwicandelo ngalinye ngocoselelo.

5. Phendula imibuzo emiHLANU iyonke:  
Imibuzo EMITHATHU uyikhetha kwicandelo A  
OMNYE kwicandelo B.  
OMNYE kwicandelo C.

6. Sebenzisa itshekhlisti ekwiphepha elilandelayo.

7. Icandelo ngalinye liqale kwiphepha elitsha.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

9. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:  
ICANDELO A: Imizuzu ekuma-40

ICANDELO B: Imizuzu ekuma-55

ICANDELO C: Imizuzu ekuma-55

Iphepha lesiqulatho

**ICANDELO A: ISIHOBE**

Imibongo efundiswe eklassini: Phendula NAYIPHI na imibuzo emiBINI.

<b>INOMBOLO YOMBUZO</b>	<b>UMBUZO</b>	<b>AMANQAKU</b>
1. IIMBONGI	Umbuzo ofuna impendulo esisincoko	10
	<b>OKANYE</b>	
2. IMFUNDO	Umbuzo onemibuzwana emifutshane	10
	<b>OKANYE</b>	
3. UKUFA	Umbuzo onemibuzwana emifutshane	10
	<b>OKANYE</b>	
4. UMBAMBUSHE	Umbuzo onemibuzwana emifutshane	10
	<b>KUNYE</b>	
UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: Phendula NAWUPHI OMNYE		
5. INYANISO	Umbuzo ofuna impendulo esisincoko	10
	<b>OKANYE</b>	
6. INYANISO	Umbuzo onemibuzwana emifutshane	10

**ICANDELO B: INOVELI**

**Phendula UMBUZO ube MNYE**

Ukuba ukhetha umbuzo ompendulo isisincoko kweli candelo uya kukhetha onemibuzo emifutshane kwicandelo C.

7. Nyana Wam Nyana Wam	Umbuzo ofuna impendulo esisincoko	25
	<b>OKANYE</b>	
8. Nyana Wam Nyana Wam	Umbuzo onemibuzwana emifutshane	25
	<b>OKANYE</b>	
9. Ukhozi Olumaphiko	Umbuzo ofuna impendulo esisincoko	25
	<b>OKANYE</b>	
10. Ukhozi Olumaphiko	Umbuzo onemibuzwana emifutshane	25

**ICANDELO C: IDRAMA**

**Phendula UMBUZO OMNYE kuphela.**

Ukuba ukhetha umbuzo ompendulo isisincoko kweli candelo uya kukhetha onemibuzo emifutshane kwicandelo B.

11. AMAZA	Umbuzo ofuna impendulo esisincoko	25
	<b>OKANYE</b>	
12. AMAZA	Umbuzo onemibuzwana emifutshane	25
	<b>OKANYE</b>	
13. A-a-a! Jongumsobomvu	Umbuzo ofuna impendulo esisincoko	25
	<b>OKANYE</b>	
14. A-a-a! Jongumsobomvu	Umbuzo onemibuzwana emifutshane	25

- \* QAPHELA: KumaCandelo B no-C, khetha kwiindidi zoncwadi ezahlukileyo uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO kwakunye nombuzo OMNYE ONEMIBUZWANA EMIFUTSHANE.

***Itshekhillisti:***

Bhala imibuzo oyikhethileyo ngokwesi sicwangciso ukuqinisekisa ukhetho olululo.

ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EMAYIPHENDULWE	Bhala imibuzo oyiphenduleyo
A: Isihobe (Imibongo efundisiweyo)	1 – 4	2	
A: Isihobe (Umbongo engafundiswanga klasini)	5 – 6	1	
B: INoveli (Isincoko <b>OKANYE</b> Imibuzo emifutshane)	7 – 10	1	
C: Umdlalo (Isincoko <b>OKANYE</b> Imibuzo emifutshane)	11 – 14	1	
<b>QAPHELA: KumaCandelo B no-C, khetha kwiindidi zoncwadi ezahlukileyo uphendule UMBUZO OMNYE OSISINCOKO kwakunye nombuzo OMNYE ONEMIBUZWANA EMIFUTSHANE.</b>			

## ICANDELO A

IMIBONGO EFUNDISWE EKLASINI: Ukusuka kumbuzo 1 ukuya kumbuzo 4 khetha imibuzo emiBINI.

VUKANI MADODANA KUSILE – IZIBONGO NAMANQAKWANA: Ingqokelela yababhali

### UMBUZO 1

Lo mbongo ungezantsi uzibonakalisa iimbongi zingabantu abaluhlobo luni.  
Qamela ngesigama esisetyenziswe embongweni.

Iimbongi: nguQangule Z.S

1. Nkedama ezaziwa ngokubhonga,
2. Mithombo ehlupha ngokubhanga.
3. Nzala yamaggirha ngokunuka,
4. Luhlobo lwamanxila ngokuthuka.
5. Ziphoxo zenkundla ukubhoxa,
6. Xholovane benkundla ukuxoxa
7. Zazi zeembalo ukuprofitesha,
8. Makholwa endalo ukubhedesha.
9. Manyange anyanga izizwe,
10. Bavuseleli abatyala ubuzwe.
11. Zingxangxasi iingcamango zenu,
12. Yingxubevange ukugxagxaza kwenu
13. Ndiphuma nani ngokutola,
14. Ndivuma nina ngokuhlola.

*Iphepha 116 [10]*

### OKANYE

### UMBUZO 2

Fundisa lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo

Imfundo: nguShasha N

1. Imfundo sisixhobo sobomi
2. Liqu'lelingazanga loma nanini
3. Ngumlambo onzulu ozel'indyebi
4. Sisibane esikhulu esisus'ubumnyama
5. Ndiyayithand'imfundo kub'izis'ukhanyo.
6. Inkcubekeko izalwa yimfundo
7. Kunamhla sith'izandla ziyahlambana
8. Sihlamban'imihlana sicheban'iinduma
9. Sicumz'ubundlobongela sixhag'uthando
10. Sixabisene, siyimbumba yamanyama

11. Imfundu sisikweqe sokugxoth'iindlala
12. Apho kulel'ikati eziko kuzal'ingqumbo,
13. Kugqube umoya wesibaya.
14. Ulwaz'oluphangaleleyo luza nophuhliso,
15. Uchum'umhlaba kuhluthwe kuteywe.
  
16. Ndiyayithand'imfundu! Ndiyayithand'imfundu!
17. EmaXhoseni isiphathel'ooTiyo Soga nooSinxo
18. UMqhayi waseNtabozuko noRubusana wakwaNdlambe
19. Amadod'asixeleta ngoHintsa noNgangomntu kaSandile
20. Ukuz'ooCalata bashukume kuvuk'ubuzwe!

**Iphepha 122**

- 2.1 Safobe sini esifumaneka kumqolo wesibini kwivesi yokuqala? Siphuhlisa wuphi umfanekiso-ntelekelelo. (2)
- 2.2 Cazulula intsingselo evezwa leli binzana ngokwakumbongo.  
'Sihlamban'imihlana sicheban'iinduma' (1)
- 2.3 Inokuba lo mbongo ubhekiswa kubantu baliphi ilizwe? Xhasa impendulo yakho ngomzekelo owuthatha kumbongo. (2)
- 2.4 Caphula umqolo ube mnye kulo mbongo ongqina uluvo lokuba ikamva liba lihle kulowo ufundileyo uwubhala phantsi. (1)
- 2.5 Khetha kwezi mpPENDULO zidwelisiweyo ibeNYE eyiyona ibadibaniSAYO aba babhali, uTiyo Soga, uSinxo, uMqhayi.
  - 2.5.1 Ukubhala amaculo, ukubonga kwiinkundla zeli
  - 2.5.2 Ukubhala imibongo, ukucula ngoThixo osezulwini
  - 2.5.3 Ukubhala ngenjongo yokwakha isizwe.
  - 2.5.4 Ukubhala iinoveli, nemibongo. (1)
- 2.6 Kutheni ooCalata bebandakanya nooHintsa xa kufuneka kuthethwe ngokuvuka kobuzwe? (1)
- 2.7 "Apho kulel'ikati eziko kuzal'ingqumbo" Ingaba eli binzana yinyani okanye luluvo. (1)
- 2.8 Ibinzana "...bashukume kuvuk'ubuzwe' ingaba lithetha:
  - 2.8.1 Ukushukumisa umntu avuke kuba elele
  - 2.8.2 Ukuvuselela ubuthandazwe emntwini
  - 2.8.3 Ukutyityimbisa umzimba (1)

**OKANYE**

[10]

## UMBUZO 3

Fundisa lo mbongo ungezantsi wandule uphendule imibuzo elandelayo.

Ukufa: nguNgcwabe L.S.

1. Lifukazi eligqum'umhlaba,
2. Wen'uphaphazela emoyeni,
3. Wen'udada emanzin'olwandle,
4. Wen'uzula-zul'emahlathini,
5. Wen'ugush'ingcwaba,
6. Wen'unxib'intsizi.
7. Wen'uthwel'intlungu!
8. Wen'ungena phi naphi naphi na,
9. Wen'uhlinza njalo-njalo
10. Ndutyumbana yesirovu-rovu
11. Gelekeqe-geqe-geqe-geqe
12. Ginyi-ginyi-ginyi,
13. Ginyi-ginyi-ginyi,
14. Ginyi-ginyi-ginyi,
  
15. Lemb'igqir'ingcambu zathi shwaka,
16. Yayikhul'incwina egumbini,
17. Yayingen'iphum'ihlunguzela,
18. Imilowo kwanamagqobhoka:
19. Kwaneenyembezi
20. Azafeza lutho,
21. Kuf'akunanceba!
  
22. Bendisithi wakha wathandaza;
23. Bendisithi wakha waluleka;
24. Bendisithi wakha wakhalinyelwa;
25. Ngathi nkqu noYesu wamoyisa.
26. Kufandin'akuva,
27. Kufandin'akufi,
28. Kufa uneenkani!
29. Ho-o-o-o-o-o-o-oyina!!!!
30. Ndandihlala ndithi ndiyakwazi
31. Ndandihlala ndithi uyandazi
32. **Ndandihlala ndithi uyandongamela;**
33. **Kunamhlanje uxing'emqaleni**
34. Kunamhlanj'ingqondo
35. Iyarawuzela.
36. Zwindin'uphi na?

*Iphepha 96:*

- 3.1 "Lifukazi eligqum'umhlaba" Umbhali ngesi sikweko uzoba mfanekiso ngqondweni mni? (1)
- 3.2 Uphinda phindo olusetyenziswe kwisitanza sokuqala ngebinza u"Ginyi" Iusetyenziselwe ukwenza umfanekiso ntelekelelo wantoni? (1)

- 3.3 Caphula umqolo obonakalisa okokuba iinzame zenziwe ukuthintela ukufa kodwa akwapheza. (1)
- 3.4 UHo-o-o-o-o-o-oyina!!! Osetyenziswe yimbongi usenzetyiswe ngayiphi injongo? (1)
- 3.5 Safobe sini asiqaqambisayo umbhali ngemigca ebhalwe ngqindilili? (1)
- 3.6 Uthetha ukuthini umbhali xa esithi ‘kunamhlanj’ingqondo iyarhawuzela. (1)
- 3.7 Isifanekisozwi u-‘shwaka’ esisetyenziswe kumqolo-15 sibethelela luvo luni? (1)
- 3.8 Igama “Imilowo” elisetyenziswe ngumbhali ingaba libhekiselele kubaphi abantu. (1)
- 3.9 Ngesivakalisi esinye xela ukuba imbongi ithetha ngantoni, isithi itheni. (2)  
[10]

### OKANYE

#### UMBUZO 4

Unyanzelekile uphendule ube mNYE umbuzo.

UMBAMBUSHE: ngu Mqhayi S.E. K

1. Lala njalo ke Mbambushe
2. Ndun”enkul’akulontlushe
3. Amabhong’uwafezile
4. Bonk’ubunt’ubugqibile
  
5. Ubuyinja ngokudalwa
6. Ngokuvela, nokuzalwa
7. Ubungumntu ngokondliwa
8. Ngokongama nokoyikeka
  
9. Ubunalo ithamsanga-
10. Neziny’izinja zakhamnqa-
11. Lokunyuswa ngokaMlawu.
12. Akwenze ube sisigcawu
  
13. Akonanga wonakele
14. Loo nyaniso ibonakele
15. Kone iziphathamandla
16. Zakutyhefa, zakuphandla

- 4.1 Tshatisa intsingiselo kunye nestanza. Bhala inani lestanza neyona ntsingiselo iyiyo.

Inombolo yombuzo	istanza	intsingiselo
4.1.1	2	Nangona ubuyinja nje ubuphethwe njengomntu wade wanikwa amandla namagunya okuphatha njengoko ubusondezwe kwiNkosi
4.1.2	3	Akonanga wena koko awufumananga lululeko lufanelekileyo de wazilibala ukuba uyinja
4.1.3	4	Ithamsanqa lokubonwa njengenja ebhetele kunezinye lizimangalisile ezinye izinja.

(3)

- 4.2 Luluphi udidi lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.3 Chonga uphawu lokubhala olusetenziswe yimbongi ukubonakalisa ukumntwiswa kwale nja. (1)
- 4.4 Xela isini sale nja uziyhase ngokufumana kulo mbongo? (2)
- 4.5 Xela uhlobo lwemvano-siphelo esetyenziswe kwimiqolo enomgca ngaphantsi? (1)
- 4.6 Kumqolo, “Lokunyuswa ngokaMlawu” intsingiselo ibhekisa kwenye yezi mpPENDULO. Khetha ibe nye:
- 4.6.1 Ubulewe ngokaMlawu
  - 4.6.2 UMLawu wamnika amagunya awongeziweyo
  - 4.6.3 UMLawu wayemana ethenga kwishishini likaMbambushe (1)
- [10]

UMBUZO 5

## IMIBONGO ENGAFUNDISWANGA KLASINI

Funda lo mhobe ungezantsi wandule ukonwabela imibuzo.

Inyaniso: ngu Mothlabane. E.M.

1. Nguphuncuka-bemphethe,
2. Iphum'ezintupheni uyiphethe,
3. Yithenge, ungathengisi ngayo;
4. Ulala, uvuka, xhoba ngayo.

5. Inyaniso nguntlaba-zahlukane,
6. Kuba bakho abayifunayo,
7. Ukanti bekho nabangayifuniyo.
8. Xabis'inyaniso ukuze nivisisane.
  
9. Ikhulul'amakhamandela kuvaliwe,
10. Ikuweze engcwabeni uxakiwe.
11. Sakuyibaleka sisinge ngaphi na?
12. Kuba neengqondi zith'ilizwe lingqukuva.
  
13. Yithenge ingumthethelie woluntu.
14. Noxa nje ibukulwayo ngabantu.
15. Yigcine nangomgwebo yokuthethelela
16. Yambathe, uhambe nayo yokukhusela.
  
17. Kusekubeni ke uzikhethele,
18. Kungalahlek'inyaniso konakele,
19. Sela kumthombo wenyaniso,
20. Ungakhulelwa yinkohliso nemposiso.
  
21. Inyaniso iyafunwa kowayo,
22. Sunduza k'ezo nto ziyyihendayo.
23. Ndingenaliso nje yinyaniso.
24. Inyaniso yona yohla'iyyinyaniso.

**Iphepha 79**

Umbhali ubonakala ethambekеле kwicala elinye elithi “inyaniso ilungile”  
Ngqina ubunyani bolu luvo uzixhase ngokucacisa intsingiselo yamabinzana  
owachonge njengobungqina.

[10]

## OKANYE

### UMBUZO 6

- 6.1 Khetha umqolo obonisa ukuba inyaniso sisixhobo ekufaneleke ukuba ube  
naso ubomi bakho bonke. (1)
  
- 6.2 Ngokombhali walo mbongo, inyaniso inemisebenzi eyenzayo ngenxa  
yokubaluleka kwayo. Khawucaphule nayiphi imisebenzi emiBINI apha  
embongweni. (2)
  
- 6.3 Xela intsingiselo eziswa libinzana elikumqolo wokuqala kulo mbongo. (1)
  
- 6.4 Ithini eyona njongo yombhali yokubhala lo mbongo? (1)
  
- 6.5 Beka olwakho ulovo ngenyaniso wakube ufunde lo mbongo uzixhase. (1)
  
- 6.6 Chonga ibinza elibonakalisa ukuba umbhali wakha wangena engxakini  
ngenxa yenyano. (1)

- 6.7 Xela isafobe esikrwelelwe umgca ngaphantsi uze ucacise ukuba sisetyenziselwe ukunika ncamango ni ngenyaniso. (2)
- 6.8 Sebenzisa ulwazi lwakho ukhethe igama leQumrhu elonyulwa nguRhulumente ukuzama ukuphanda inyaniso malunga nezehlo ezazehlele abantu ngexesha localucalulo. Khetha kula:
- 6.8.1 Ikomishoni yeNyaniso noxolelwano
- 6.8.2 Ikomishoni kaGinwala
- 6.8.3 Ikomishoni kaEisleben. (1)  
[10]

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI

UMBUZO 7: NYANA WAM! NYANA WAM!: W. K. TAMSANQA

PHENDULA UMBUZO OSISINCOKO OKANYE IMIBUZO EMIFUTSHANE

UnguMangaliso, ubone esi sibhengezo sesi sithuba SINGEZANTS. Bhala isivi ekuhlobo lomhlathi uzithengise kanobom ucacise nangemizekelo indlela owufanele ngayo lo msebenzi. Vala ngomhlathi oxela izinto oya kuzenza wena ukuze itshintshe imeko yaseGeorge Goch. Sebenzisa izihloko ozinikwe sisibhengezo ukuqulunqa umsebenzi wakho.

*“Kuthe kwakufikwa kumbandela wolwabiwo lwabefundisi kwakhokheliwa iGeorge Gogh eyayingenamfundisi ingenayo nendlu yecawa ngelo xesha....lhala nje le Sinodi kwakuse kutshone isithathu sonke sabefundisi, isibini sathi sakufika seyela kwiziyolo zalo sabe siphelela ekusikweni...”*

### IBANDLA LAMAWESILE LASEGEORGE GOCH

*Lazisa ngesithuba somfundisi weli bandla likhankanywe ngentla.*

#### UMFUNDISI

##### **Imfundo efunekayo**

Izifundo zobufundisi

Imatriki

##### **Uya kuthethelewa koku kulandelayo**

Amava obufundisi

Ukumelana nemiceli-mingeni abahlangana nayo abantu abatsha.

Ukuhlonipha nokuhlonela abazali

Amava okuthatha izigqibo ezizizo kwiimeko ezinzima zobomi.

##### **Imisebenzi yakhe**

Ukubuyisa abantu kwiindlela ezingamkelelanga zokuziphatha.

Ukunyusa ingxowa mali yokwakha indlu yecawa.

Ukumela eli bandla kwiinkomfa zeli bandla ezisenokuba kumazwe aphesheya.

##### **KUFUNEKA**

Ukumelana nemiceli mnjeni yabahlali baseGeorge Goch efana nokuzintywilisela kubhelu lomsele ngokubashumayeza ngoYesu Krestu osindisayo.

Ukukwazi ukuthetha nabantu beendidi ngeendidi.

**Abefundisi abanomdla mabathumele isivi enika ingcaciso ezeleyo malunga nokufaneleka kwabo kulo msebenzi, kule dilesi 48 Albert Street, Johannesburg 0001 Isivi le mayibe nobude obungamaphepha amabini ukuya kwamabini anesiqingatha.**

[25]

**OKANYE**

## UMBUZO 8

Funda le mihlomlo ilandelayo wandule ukuphendula imibuzo esekwe kuyo.

## UMHLOMLO 1

“Emva kwaloo ngqungquethela yabafundi eKapa, kanye ngaloo mhla yaphuma, wawungafika abafundi beziziqhu abaNtsundu nabaMhlophe, ingekho enye ethethwayo ngaphandle kobu buchule balo mAfrika engxoxweni nolwazi oluphangaleleyo. Ekubeni befumanisile ukuba usafunda ibanga lematriki azange baphelele kwezi ziqhу, bamana ukuya kungqubeka kuye ngababini ngabathathu bethanda ukuqonda ukuba emva kwematriki leyo ujunge ukuthabatha liphi na isebe ukuqhubela phambili imfundo yakhe. Bathi bakufumanisa ukuba akazimisele kuqhubela phambili ngenxa yokungabi namali amalungu aphambili kwiqela lombutho wabafundi ekuthiwa yiNUSAS lamcenga ukuba aqhubele phambili limthembisa ngokumhawulela imali emfundweni yakhe, ecetyiswa nangamasebe ekufuneka engenele wona.”

- |     |                                                                                                                                                                                                             |     |
|-----|-------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|-----|
| 8.1 | Sakhono sini esabangela ukuba uThole akhethwe aye kumela iziko lakwaNokholeji? Wena yintoni onokumela ngayo esakho isikolo                                                                                  | (2) |
| 8.2 | Zeziphi ezi nkalo ziMBINI wazibalula kuzo kule ngqungquethela?                                                                                                                                              | (2) |
| 8.3 | Yaba yintoni isiphumo sezo ngxoxo esamchaphazelayo uThole?                                                                                                                                                  | (2) |
| 8.4 | Emva kokuphulaphulwa kwengxoxo kaThole ngawaphi amakhondo awacetyiswa ukuba angawalandela?                                                                                                                  | (2) |
| 8.5 | Ukuba ibi nguwe lo ucetyiswayo ubungakhetha liphi ikhondo kula mabini? Kuba kutheni?                                                                                                                        | (2) |
| 8.6 | Ukhokelwa yile meko kaThole yokungabi namali yokuqhubekela phambili ngezifundo, nika uRhulumente wakho icebo lokuba angathini na ngabantwana abazifumana bekwezi meko kweli ilizwe lakho bekufuna ukufunda? | (2) |
- [12]

## UMHLOMLO 2

NYANA WAM! NYANA WAM! p 33

“kambe gqirha siva ngathi amakhosi akukhomba ngasebuhlanti koko sithe xa sifuna ukubaz’iindlebe wayeka.

Besithanda ukukhe sive? wabuza watsho umnimizzi.

“Kumnyama” latsho ukuphendula igqirha. Ke kungathiwani ukuze kukhanye gqirha?

Khanyisa kaloku.

Yitsho kaloku umlandu wakho.

“Ukuba ufunu ndivumise ndiyikhombe ngamehlo, beka apha iiponti ezimbini.”

Tyhini uyamva sekaMagxagxa? Uthi akukhombe uyibone ngamehlo kucacile uyayiqonda le nto ukuba yinto elahlekileyo”

- 8.7 Ngeengongoma ezimbini, yithi gqaba gqaba ngesona sizathu esikhokelele ekubeni UThole lo angenele ubugqirha. (2)
- 8.8 Thatela kulo mhlovlo ubonakalise ukuba uThole unguilinganiswa ongqukuva. (3)
- 8.9 Xela ukuba yintoni umlandu. (1)
- 8.10 Eli nqanaba likulo ngokwalo mhlovlo eli bali ungathi luvuthondaba okanye kukusonjululwa kwendaba? Utsho kuba kutheni? (2)
- 8.11 Umbhali umbona ngathi ufunu sicinge ntoni ngamaggirha? Uyangqinelana naye? Cacisa (3)
- 8.12 Kwesi sahluko yintoni enokukwenza ukuba usenze sikholelwe ukuba umbhali wale ncwadi uthambekele kakhlulu kwinkolo yobukrestu? Yitsho ngeengongoma eziMBINI. (2)  
[13]

[25]

### **OKANYE**

UKHOZI OLUMAPHIKO: Saule N

UMBUZO 9

“Makucace ukuba uK. K. ubelijoni. Ijoni ke aliyekelwa ngamanye, lithi aphi liwe khona kume elinye endaweni yalo. Apha phakathi kwenu mabavele babe baninzi ooK.K. kuzo kucaca ukuba esi sisipelo sengcinezelo nobukhoboka ebekubo yonke le minyaka.”

La mazwi angentla angunozala wezinto ezininzi ezechlileyo ngokwale noveli.  
Thatela apha ukubonisa ukuba la mazwi esi sithethi zange awele phantsi.

[25]

### **OKANYE**

## UMBUZO 10

Funda lo mhlo mlo ulandelayo wandule ukuphendula imibuzo esekwe kuwo:

“Xa ndifikayo, nja yayiphi. Yingqondo yam le indibhanxayo? Hayi. Andiphazami bendibona yona! Ndifike aphi ibilele khona ndahlola, kwakungekho nto ithi kwakukhe kwalala nto engceni. Kanti umntu uqala ngokuthini xa aza kuphambana...”

Laa nja ubuhamba nayo iphi? Ndandisithi ndakuthi andazani nanja andincome ukukhohlakala nokungabi nambulelo. Sathi seside saya kuyikhanga kulaa ndawo babendifumene kuyo ingeyiyo leya ndandidutyulelwe kuyo. Ndandiphika kwa le ndawo babesithi ndacholwa kuyo kuba endababonisa kuyo mna yayikude lee kule babeyalatha.

“Ukuba yayingeyiyo laa nja ngesingazange sikubone tu. Yiyo eyasirholela kulaa ndawo inqabe inqabe”. Yaya phi ke emva kokuba nindifumene? Ndandidla ngokubuza ndimangalisiwe. “Yaziwa ngubani? Yasuka yathi shwaka nje, saba ngathi ibilapha, phi kwaphi.”

- 10.1 Iphi ke le nja isoloko ilahleka? Zixhase. (2)
  - 10.2 Khawuthi gqaba gqaba ngesiganeko sale mini. (5)
  - 10.3 Xela inkolo yombhali ephuhliswa yile ncoko yale nja inokozwayo apha, uzixhase. (2)
  - 10.4 Khawucacise umsebenzi wale “nja” kobi bomi bombalisi. (1)
  - 10.5 Iimpawu zocaphulo ziyasetyenziswa kolu didi loncwadi. Xela injongo yokusetyenziswa kwazo uthatheli kwezi ntetha zilapha. (1)
  - 10.6 Yintoni ebonakalisa ukuba lo mntu ubalisayo ikwangulo iziganeko zihla kuye? Caphula imizekelo ibe miBINI. (3)
  - 10.7 Ungathi nguuphi umxholwana oziswa ngulo mhlo mlo? Zixhase. (2)
- [16]

## Mhlo mlo 2

“Yhuu! Bhut’ F, **yinja** yomntu ke loo Friday. Ubagqibile ukubabulalisa abantu ngala mabulu. Laa mahlakani akhe akaziwa ukuba aya phi na. Phofu ke usoloko ehamba nabantu abangaziwayo ukuba ngabaphi na.”

“Xa usithi asuka anyamalala uthetha ukuthini na Thembekile?”

“Wabonwa sengasahambi nazo eziya ntwana zine seyingabanye ngoku.”

“Uthetha ukuba zange ubekho umbiko wokuba kukho abantu abacholwe emotweni emhlophe kufutshane nakwaFriday itshoba lilele umbethe?”

“Hayi zange ibe kho into enjalo. Wena ES kukho into owakha wayiva enje ngale ibuzwa nguBhut’F?” Zazibonakala apha emehlwani ukuba ndizibuza intsomi.”

- 10.8 Kutheni abantu bebizwa ngokushunqulwayo apha? (1)
- 10.9 Buncede ngantoni ubukho buka Friday ekukhuliseni eli bali? (2)
- 10.10 Kuthetha ukuthini ukuthi “itshoba lilel’umbethe”. (1)
- 10.11 Tshatisa uphawu lokhozi olukukholam A nenkcaza ngobom bukaMfazwe ekuKholam B

A. Uphawu lokhozi	B. Inkcaza ngobom bukaMfazwe
10.11.1 lenzelwe iindawo eziphezulu	A. Ukuphepha amapolisa aphantse ambulala ngokumdubula, ukusinda ekutyiweni ziinyoka nezilo kumkhokelela kubomi bakhe obutsha bobu “comrade”
10.11.2 Luyazithanda iinkqwithelo, luzenza zibhabhele phezulu ngakumbi	B. Ukubuya kwakhe ekulweni uwongwa ngobujaji agwebe abo babemcinezela ngaphambili.

(2)

- 10.12 Xela isafobe esibhalwe ngqindilili kula mqolo sibhalwe kuwo. (1)
- 10.13 “Uthetha ukuba zange ubekho umbiko wokuba kukho abantu abacholwe emotweni emhlophe kufutshane nakwaFriday itshoba lilele umbethe?” Lo mbuzo wesi sitethi uvelisa ukuba babusithini ubudlelwane phakathi kwababulali kunye noFriday kulo mxholo? (2)  
[9]

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

ICANDELO C: IDRAMA

A-a-a! JONGUMSOBOMVU: B.B. MKONTO

UMBUZO 11

Uyangqinelana nendlela umbhali abonisa ngayo ifuthe lenkolo yobuKrestu kwinkolo yamaXhosa kule ncwadi? Zixhase ngezehlo kwakunye namazwi abubungqina owacaphula kule ncwadi.

[25]

**OKANYE**

UMBUZO 12

Umhlomlo 1

RUFUS: Mandingxengxeze nam bahlekazi...Ndibalekwe likhoboka lam, uToli, elithe likhululwe njengamanye la. Bekungenani ke xa litshoyo, bendingenakumangala, bendiya kulikhulula njengabantu aba. Esi sihelegu senzeke ngolu hlobo; Kuthe njengoko ndingumrhwebi, ndaya kungena kweliya lasemaXhoseni, kwisiphaluka sikaMaqoma apha bendiya kurhweba ngamaqhosa neentsimbi zegolide. Ndilahlekwe yinto eninzi yempahla apha, de kwalahleka noToli lowo. Ndibhadule ndimfuna, de ndambhaqa endizimele. Ndimtywatushe kakhulu ngemvubu waza wathi akuphuncuka **waya kuzimela** emzini kaMaqoma. Ndakuba ndifikile apha kukho inkundla eza kuwuchophela loo mcimbi.

SOMERSET: (*Ngelomothuko*) Uthini na apha kum? UMaqoma ufunе ukuchophela ityala lomBrithane? Sisimanga santoni esi usithethayo. Bayawazi umthetho? Khona banawo? Bakha abahedeni nemirhangqolo yanomthetho. Kodwa hambisa.

RUFUS: Ndithe ndisaqalisa ukwandlala isimangalo sam, ndaxeletwa ukuba akukho nto kuthiwa likhoboka phaya emaXhoseni, ngoko ke uToli uyafana nam, singabantu ngokufanayo. Ndifunyenwe ndingonetyala kuba ndimbhale imivumbo ebonakalayo uToli ngeli xa mna ndingenayo. Ndigwetywe inkabi yonke yenkomо, ndayikhupha, ndaza ndemka apha ndikhalala. Yiyo le nto ubona ndilapha.

- 12.1 Ucinga ukuba yintoni kanye le icaphukisa uRufus? (2)
- 12.2 Chaza uvakalelo lukaMaqoma akuva olu daba lokubethwa kukaToli. (2)
- 12.3 Ngokokwazi kwakho uMgaqo-Siseko weli kulo nyaka umiyo, liliphi ilungelo elichaphazelekayo kule mpatho yesi sibini singuRufus noToli? (2)
- 12.4 Kulo mhlovu caphula iintetho eziMBINI ezinokukwenza ube nomsindo ucaphuke uze uxele nesizathu sokuba uzive ngolo hlobo. (2)
- 12.5 Igama elibhalwe ngqindilili kumhlovu lisinika eyiphi intsingiselo kwezi zingeantsi? Khetha ibe nye.
  - 12.5.1 Ukuma ngaphandle kokuxhaswa okanye uncedo lwento.
  - 12.5.2 Ukuzifihla endaweni ethile ukuze ungabi nakubonwa.
  - 12.5.3 Ukuzenzela izinto ngokuzimela ungancediswa mntu.
  - 12.5.4 Ukukhululeka kwimpathombi unikwe amalungelo akho. (1)

- 12.6 Khetha igama elinye kula angezantsi onokuthi wakulisebenzisa lithethe into enye neli liphawule ngomgca ngaphantsi, “ndigwetywe”
- 12.6.1 Uyadliwa
  - 12.6.2 Uyadlaliswa
  - 12.6.3 uyadliswa (1)
- 12.7 UMnu Somerset ulandeelanisa uthotho lwemibuzo. Ibonakalisa ntoni le mibuzo ayibuzayo? (2)  
[12]

## UMHLOMLO 2

RUFUS: Ungalibali ke Mhlekazi ukuba mna ndiza nezinto oza kuthi wakuzibona, uhive nave ukuba ngenene akuzilahlekisanga nesizwe sakho. (Uvula ityesi ebithwelwe ngabasebenzi bakhe ababini) Khangela le tyesi yam, bubutyebi bodwa obu ububonayo. Ukhupha ihempe nebhrukhwe yekhakhi) Ziimpahla ezi sizinxibileyo.

Ndiyakupha, zezakho ezi Mhlekazi. Lo mnqwazi, ungakunceda kula malanga ale ndawo. Kanti ke ndiyazi kuba kweli cala anikaziboni ezi zethu izixhobo zokulwa, khangela le yethu intonga, (*Ukhupha umpu*) Ndiyakwazi ukubetha into ikude ngayo. Uyawungxala bebukele abanye, (***adubule iinkukhu ebezicholachola kude phaya***)

QUKA: Hi bafondini kade ndisiva ngalo mbayimbayi ushiya izigede. Uyabona Baw'uMngxongo ukuba utshaba lwakho ulubetha lusekude phaya, uqengqe ugodo. Nazi ke izinto endizifunayo mna kwesi sizwe, impucuko nokuxhobisa esi sizwe siyeke ukunyeliswa njengamatyutu.

- 12.8 Khetha ukuba lo mhloMlo ucatshulwe kuliphi inqanaba lesakhiwo salo mdlalo kwezi zingezantsi uze uzixhase. [Ingabula zigcawu, ukujya kwezinto, uvuthondaba, usombululo ndaba, isiphelo] (2)
- 12.9 Ucinga ukuba uziva njani uQuka xa esiva olu daba. Zixhase ngamazwi akhe. (2)
- 12.10 Mfundiso ni esiyinikwa ngumbhali kulo mhloMlo? (2)
- 12.11 Lithetha ukuthini eli gama “umbayimbayi”kulo mhloMlo? (1)
- 12.12 Sikhokelele enini esi siganeko kulo mdlalo. (2)

12.13 Aboniswa engabantu abanjani amajoni kulo mhlomlo? Zixhase (2)

12.14 Cacisa ukubaluleka kwexesha lokuqhubeka kwale ncoko. (2)

[13]

**[25]**

### OKANYE

AMAZA: Z.S.QANGULE (P 55)

UMBUZO 13

Ubuchule bombhali webali bokwenza iploti bulele kwindlela azenza zinxibelelane ngayo iziganeko zebali kunye noonobangela bazo. Cazulula isakhiwo salo mdlalo ngokuthi usenze sikholelwé ukuba isiganeko ngasinye esihlayo sibangelwe sesinye.

**[25]**

### OKANYE

UMBUZO 14

Fundisa lo mhlomlo uze uphendule imibuzo elandelayo.

NAMHLA: Ndibangulwa ziintolo zovuyo  
Kuba ndiyidwadunge nje,  
Xa ndinawe ndisisidwangube.

LIZO: Kunjalo nakum  
Ubomi bulikhala nje apha kum  
Xa sikunye ndincinda ubusi

NAMHLA: (esiwa elila esimantshiyane)  
Kodwa, kodwa Lizo...

LIZO Kutheni? Kutheni

NAMHLA: Ndinovalo umama uenza umvalo

LIZO: (Emfunqula, embeka ebhedini)  
Mus'ukwaphuka msimelelo wam,  
Mus'ukoyela ezingcingeni  
Ububhovu-bhovu bukaTatakho  
Nqwa nobuntshovuntshovu bukabawo.

Hlala ethembeni Namhla

Zingisa, hlal'uthandaza.

Izidubedube zizigidimi zoxolo

linzingo sisiseko soloyiso,

Imiqathango luavavanyo lothando

Masiyichithachithe imisinga

NAMHLA: (Ebobotheka luncumo)  
Kuthi mandidanduluke ndithethe  
Ntokunayo ndisindwa ziingcinga  
Ndiphoxwa lulwimi  
(Kungena uMandaba engankqonkqozanga)

- MANDABA (*Ebhekisa kuLizo*)  
 Zidangele nje iintliziyo zethu  
 Eyakho iyaguya lulonwabo  
 Ligazi lethu eliphaleleyo  
 (*Ebhekisa kuNamhla*)  
 Kuwe yiwayini ephuphumayo.  
 Ingcwaba eloyelisele amandla ethu...
- 14.1 Xela umsebenzi wamagama abhalwe bukekela kulo mhloMlo. (1)  
 14.2 "Ndinovalo umama uzenza umvalo" Isithethi siwathethiswa yintoni la mazwi? (1)  
 14.3 Ngubani lo "Mandaba "kuthethwa ngaye apha? (1)  
 14.4 Chonga isigama esibonakalisa ukuba UNamhla noLizo bakwicala elinye kule mpixano igquba apha uze ucacise isizathu sokuba utsho. (2)  
 14.5 Kule ncwadi impixano eqhubayo iphakathi kwabantu abadala nabantwana. Chonga amabinzana amaTHATHU angqina oku kulo mhloMlo. (3)  
 14.6 Xa ungumntwana ozelwe ngeembambo awunalizwi kwintlalo yeli. Thatha umzekelo kuNamhla unqine okanye uphike ngezizathu ezanelisayo. (3)  
 [11]

## UMHLOMLO 2

LIZO: Baphi abantwana bakho?  
 ZODWA (*Ekhala*) ndixolele! Oo! Abantwana bam!  
 LIZO: Umfazi sisivatho sendoda, xa isivatho singahlambeki siyatshiswa. (*Ucima isibane adubule uZodwa inkosikazi yakhe. Akuggiba ukulayita umbona uZodwa ewile acinge ukuba umgqibile. Uphuma ethetha esithi*)  
 Felani esonweni zihagundini.  
 Zodwa (*OwaseBhayi, ingqondo ibuya ngamandla* )  
 Tshisa ihagu ibona enye ngokungcola  
 Hehe uyandihlekisa Duma  
 LIZO (*Engena kwakhona edubula uZodwa waseBhayi*)  
 Xa uthetha kangaka uya kuba lingqina elinobungozi,  
 Uthembeke xa ufile! (Kungemzuzu ephumile uLizo kungena uSidima)

- 14.7 Ucinga ukuba isincedise njani isimbo sokubhala sikaQangule le nto yokuba naba Zodwa babini? (2)  
 14.8 Ucinga ukuba kutheni uLizo ecima isibane xa eza kudubula uZodwa – inkosikazi yakhe. (1)  
 14.9 Ufuna ntoni apha uZodwa, inkosikazi kaLizo? (1)

- 14.10 Ukuba ebeyinkosikazi yakho uZodwa lo okanye yesizalwana sakho ubuya kuyikhuthaza le nto yokudutyulwa kwakhe nguLizo. Zixhase (2) [6]
- 14.11 Impawu ezingezantsi zezomlinganiswa oyintloko, mazikukhokele ukucacisa ukuba nguwuphi ongumlinganiswa oyintloko phakathi koLizo noNamhla noDanile
- Uba nabachasi
  - Ubanezinto ezimenza athandeke newonga elithile ebomini
  - Uba nesikhwasilima esimkhokelela ekwenzeni impazamo esenokukhokelela kwintlekele
  - Kufuneka abe nomqolo kwiinjongo zakhe ezingumqolo wencwadi
  - Iziganeko ezihlayo ziqala ziphele ngaye
  - Ebunzimeni uba liqhawe
  - Ubonakalisa ukuzisola, unamathuba okuzisola okanye alwe nomvandedwa kangangokuba azive sele ethetha yedwa kutsho kuvele imbilini yakhe
  - Isiphelo sakhe asibi sihle. Usenokufa okanye afumane isohlwayo esimthoba isidima
- (8)
- 
- [25]

AMANQAKU ECANDELO C: 25  
AMANQAKU EWONKE: 80